basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

2016

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha asi-8.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 Impahla ehambayo√/izilimo√/iziqhamo√/ isivuno.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

1.1.2 ... umntu ngamnye wayeyihlonele into yomnye umntu.√ (1)

1.1.3 Kuxhaphake.√ (1)

1.1.4 Kukuba kulo lonke ihlabathi namhlanje ulutsha lukhula lusazi ukubaluleka kokutshixwa.√ (1)

1.1.5 IRome nayo yindawo esebenzisa izitshixo ezininzi√/AsiyoNew York yodwa efaka izitshixo ezininzi ezingcangweni naseRome ziyafakwa√/iRome iyabandakanyeka kwiindawo ezifaka izitshixo ezininzi ezingcangweni.√ (1)

1.1.6 B/ukutshixa ngezitshixo ezininzi√/B√/ukutshixa ngezitshixo ezininzi √ (1)

1.1.7 Kukuba akusekho mzi ungasisebenzisiyo isitshixo.√ (1)

1.1.8 Ubhekisa kwisibizo iintsimbi.√ (1)

1.1.9 ezithile.√ (1)

1.1.10 ... zimtshise afele kuloo ndawo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.11 Abantu√/Isintu√/Ubuntu√/Umntu√ (1)

1.1.12 Banqika iifestile neengcango√/basebenzisa imipu badubule izitshixo√/bavula ngezitshixo abazenze ngokwabo.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.13 Ukutshixa akuniki lukhuseleko lupheleleyo√√/zonke iinzame ezenziwayo zokhuseleko azibathinteli ngokupheleleyo abaqhekezi.√√ (2)

1.1.14 Akazange aluvule ngasitshixo nangasixhobo usebenzise icebo leYogi awalifunda emaNdiyeni.√ (1)

1.1.15 idume.√ (1)

1.1.16 Ubuncinci ngokwenani√/ukuba mbalwa√/azininzanga√/ ziyanqaphazeka.√ (1)

1.1.17 Sisaci.√ (1)

1.1.18 Unyanisile, kuba akukho nto enokwenziwa ngaphandle komninimzi.√√

OKANYE

Akanyanisanga, kule mihla umninimzi nomnikazimzi bayalingana.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.19 Isitshixo asiniki lukhuseleko lupheleleyo√√/Ukhuseleko lutya imali eninzi√√/Isitshixo ayisiso esi kuvalwa ngaso ucango kuphela zikho nezinye iindlela ekuvalwa ngazo.√√/Kule mihla ukhuseleko lwakho lishishini komnye umntu.√√ (2) **[24]**

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Umama uyapheka, umntwana 1 utsala umama umkhombisa kumabonakude.√√ (2)

1.2.2 Ngumphunga√/Ngumophu.√ (1)

1.2.3 Kungokuba uyangxola√/Uyakhwaza√/Uthethela phezulu.√ (1)

1.2.4 Kukubonisa ukuba oomama banoxanduva lokwenza imisebenzi emininzi ngaxeshanye emakhaya.√√ (2) **[6]**

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha ushwankathelo

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
    - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
    - Amanqaku ama-3 olwimi.
    - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
    - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
    - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
    - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
    - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
    - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
    - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-60 inani lamagama asetyenzisiweyo.
    - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
    - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

	IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO		**IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO**
1.	'Ukubhala oku yinto ebaluleke kakhulu. Into ebhaliweyo ihlala ihleli ngonaphakade ngaphezu kwento ethethwe ngomlomo.'	1.	Ukubhala phantsi bubungqina obuhlala unaphakade, kunezinto ezithethwe ngomlomo.
2.	'Ukubhala bubugqi obuvinjwe zonke izidalwa zehlabathi, banikwa umntu, nto ke leyo, ecacisa ukuthi ukubhala yenye yezinto ezibonakalisa ukuphakama kwesidalwa esingumntu kwindalo yaso.'	2.	Kwizidalwa zonke ngabantu bodwa abanikwe ubuchule bokubhala, yenye yezinto ezibenze babakhulu.
3.	'Namhlanje zonke iinkalo zobom zifuna umntu okwaziyo ukubhala.'	3.	Kule mihla ukubhala kufuneka kwiindawo zonke yiyo loo nto nabadala befunda ukubhala.
4.	'Ukubhala incwadi kuko okwenza ukuba izihlobo zethu nezizalwane zisoloko zisemehlweni noxa singaziboni ngeliso lenyama.'	4.	Ukubhala kwenza sikwazi ukunxibelelana nesibathandayo bekude bange balapha kufutshane.
5.	'Ngokubhalelana iincwadi sithi sibe nakho ukuthetha izinto siphendulane, side sifikelele esigqibeni singadanga sathabatha nkxamleko yokudleka mali sisiya kubonana ubuso ngobuso.'	5.	Ukubhalelana konga imali kuba niyaphendulana ngeeleta ningadanga nahambelana.
6.	'Ungathi ukuze ukuqonde ukubaluleka kwabo ubugqi bokukwazi ukubhala ufune umsebenzi.'	6.	Ngokubhalelana uyakwazi ukunxibelelana neendawo ezikude, de ufumane nezinto ezilulutho ebomini ezifana nomsebenzi.
7.	'Ngenxa yokubhala sazi zonke iintlanga ezisehlabathini. Sifunda amaphepha-ndaba sive izinto ezenzeka phesheya kolwandle.'	7.	Kwenza sazane futhi sazi nokuqhubeka kwamanye amazwe ngomzuzwana kwenzekile.

[Naziphi iingongoma ezisixhenxe kwezi.]

[161 amagama] **[69 amagama]**

QAPHELA: Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo. **[10]**

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI

Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo

   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

UMBUZO 3

3.1 Yiti iFreshpak Rooibos.√ (1)

3.2 Isilelwe wena ngobuchule. √ (1)

3.3 Kubantu abathanda iti√/Kubantu abakhathalele impilo yabo.√ (1)

3.4 Ukutsala umdla wabathengi ukuze bayithenge imveliso.√ (1)

3.5 C√/C/Ngumbuzo-buciko√/Ngumbuzo-buciko.√ (1)

3.6 Zinceda ngokuphelisa umoya otyhefa umzimba.√ (1)

3.7 Liqhatha abathengi√√/Lenze ukuba abathengi bayithembe le mveliso.√√ (2)

3.8 Zenzelwe ukubanceda, kuba zibazisa ngezinto ezikhoyo kwimakethi.√√

OKANYE

Azenzelwanga kubanceda koko abathengi baphela bechitha imali abangenayo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
[10]

UMBUZO 4

4.1	Yidonki.√	(1)
4.2	Yekani.√/ Nyanisekani.√	(1)
4.3	Kukukhalazela ukuthengiswa kwenyama yedonki.√√/ kukulwela amalungelo abathengi benyama.√√	(2)
4.4	Kukho iintlanga ezahlukileyo, abantu abadala nabezini ezahlukileyo.√√	(2)
4.5	Siyayifuna eyedonki inyama.√	(1)
4.6	Ngokwenza umqhankqalazi wesi-4 athi nqa kukubandakanyeka kwedonki nangokwendlela ayijonge ngayo idonki.√√	(2)
4.7	B√/B Bonke baqumbile√/Bonke baqumbile √	(1)
		[10]

UMBUZO 5

5.1	5.1.1	Sisenzi.√	(1)
	5.1.2	Sisihlomelo sendawo√/sisalathandawo √	(1)
	5.1.3	Bona√/aba√/bonke√yona√/ leyo√	(2)
	5.1.4	Ndifike utata ebhinqe ngebhanti yesikhumba.√√ [Nasiphi isivakalisi esichanekileyo siya kwamkeleka.]	(2)
	5.1.5	Abantu baza kuhlala√ phantsi ukubonisa ukuba abazi kuhamba.√	(2)
	5.1.6	Libinzana√/Awunasivisa.√	(2)
	5.1.7	emihlanu.√	(1)
	5.1.8	I√ngqonyela yamapolisa yaya ebantwini.√	(2)
	5.1.9	Isakhi sokuzenza.√	(1)
5.2	5.2.1	Utata uthi uyaluthanda uhambo.√√	(2)
	5.2.2	Kubalulekile ukuba umntu abonwabele ubomi.√√/ Kubalulekile ukuba umntu onwabele ubomi√√	(2)
	5.2.3	Uya phi umntu?√√/Waya phi umntu? √√	(2)
			[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80